

## Ingxelo Yokuchasa Ubuhslanga

### Ingxelo Yenkolelo

Njengesikolo esinemigaqo esisikhokelo esekelwe kwimilinganiselo yobu Kristu yokulingana, ukuhloniphana, nokuvisisana, nomqondo waso ikukunceda ekuquinisekiseni ukuba izizukulwana ezizayo zilungele ukuphila ubomi obunentsingiselo ngengqibebelelo, ngesidima namandla okusebenzisana ukuze ihlabathi libengcono, siyavuma ukuba ukungalingani okubuhlungu kobuhlanga kunye nokungabikho kokusesikweni kukho kwaye kusaqhubeka esikolweni sethu.

Njengesikolo esichasene nobuhlanga, sikholelwa ukuba ukusebenzela uluntu olungcono kubandakanya ukuthatha inyathelo lokuqinisekisa ukuba bonke abantu baphathwa ngesidima kwaye bafikelela ngokulinganayo kwimfundo, ukhuseleko kunye nethuba.

### INYATHELO

Ngokuqaphela oku, sizibophelele ekuzigocagoceni kwaye sizame ukuchasa ubuhlanga. Sizibophelele ekubeni ngamahlakan iekudaleni inkubeko apha iyantlukwano kunye nezinto ezifanayo ziwongwa kwaye zibhiyozelwe. Siza kuzama ukwenza indawo apha wonke umntu aziva ebonwa, eviwa kwaye exhaswa.

Ukuchasa ubuhlanga sisenco sokuchonga, ukucela umngeni, kunye nokutshintsha iinkolelo kunye neendlela zokuziphatha eziqhabela phambili ubuhlanga obucwangcisiweyo. Siyaqonda ukuba ukuzibophelela kumsebenzi wokuchasa ubuhlanga kuthetha kuqala ukuvuma ukuba kuninzi ekufuneka sikufundile kwaye sibotshelele omnye komnye bubuntu obuqhelekileyo kungakhathaliseki iyantlukwano ngembonakalo.

Siyaqonda ukuba ukufunda kwethu kufuneka kusebenze kwaye kuqhubekeke. Umsebenzi ochasene nobuhlanga kufuneka ungabekela iyunithi enye yokufunda, inqanaba lebakala elinye, okanye unyaka wesikolo omnye. Ngumsebenzi ekufuneka uzinzie, ujongwe kwakhona, kwaye uhlaziyiwe njengoko siqhubeka sifunda ngakumbi malunga nokuba singabandakanya njani wonke umntu kwaye sibe nobulungisa kwindlela yethu yemfundu kunye, nokongezelela, imigaqo-nkqubo yezikolo.

Ukuza kuthi ga ngoku, siya kuqhubekeka sifuna, kwaye sithatha inxaxheba, kuphuhliso lobungcali olujolise ekubeni kuthetha ukuthini na ukuba sisikolo esichase ubuhlanga phakathi kwabafundi, ootitshala nabazali.

### Njengesikolo siyazibophelela kwakhona ukuba:

1. Ukuchonga nokonakalisa iinkalo zenkcubeko, ikharityhulam, unqulo, izithethi zesikolo, umfuziselo, iindawo zamalungelo akhethekileyo, iinkqubo nonxibebelelwano ezibe negalelo kubuhlanga obucwangcisiweyo obukhoyo esikolweni sethu.
2. Ukwahluka kobuhlanga kuzo zonke iinkokeli zesikolo.
3. Ukwenza amaphulo neenkqubo ezixhobisa uluntu lwesikolo.



## BISHOPS

DIOCESAN COLLEGE

4. Ukwenza iindawo ezikhuselekileyo zabafundi bethu ukuba baqhube kwaye baphendule kumava obuhlanga nocalucalulo
5. Ukulungelelaniswa kwemigaqo-nkqubo yethu kunye nomkhomba-ndlela, unxibelelwano, kunye nobuchule bokuthengisa ukuqinisekisa ukubandakanywa kunye nokusebenza kakuhle.
6. Ukwakha ulwazi, ukukhuthaza ukuzigocagoca nokuzihlola
7. Ukuphuhlisa nolwandiso lwezi gaba zoxhaso
8. Ukudala imeko-bume yobabalo nokuthobeka.

*Ngokwamazwi ongasekhoyo owayesakuba nguMongameli woMzantsi Afrika uMnu uNelson Mandela, “Akukho mntu uzalwa emthiyile omnye ngenxa yebala lesikhumba sakhe, imvelaphi yakhe, okanye inkolo yakhe. Abantu bamele bafunde ukuthiya, yaye ukuba banokufunda intiyo, banokufundiswa ukuthanda, kuba uthando luza ngokwemvelo ngakumbi entliziyweni yomntu kunesichasi lwalo.*